Isalathiso: 20201009-8668
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: P SWART

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0011/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zeZiko (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: Inkcazelo yakutshanje ngokunqunyanyiswa kweenkonzo zothutho lwabafundi

1. Emva kwemini izolo, iNkundla ePhakamileyo yaseKapa (*Cape High Court)* isichithile ngokusemthethweni isicelo somyalelo othintela iSebe i-*WCED* ekunikezeleni iikhontraki ezintsha zethutyana kwisithili i-*Cape Winelands*.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni linako ngoku ukuqhubeka ngokunikezela ngeekhontraki ezintsha zethutyana kwesi sithili.

3. Iinkonzo zothutho lwabafundi kwesi sithili ziya kuchaphazeleka kule veki izayo njengoko sisagqibezela ezi khontraki. Masidlale indima ngokusebenzisana sisonke ukuqinisekisa ukuba iinkonzo ziyasebenza kamsinya kangangoko. Izikolo ziya kubhalelwa ngqo ukwaziswa ngekhontraki zazo ezintsha.

4. Lazisiwe iSebe izolo nokuba iinkonzo zothutho lwabafundi kwezinye izithili ziya kuqaliswa kwakhona. Zonke ezi ndlela zineekhontraki ezihleli zikhona ezisebenzayo, kwaye ngoko ke ukuba ikhontraki ayizenzi iinkonzo eziyimfuneko, iya kuba yophula izigqibo zemvumelwano. Kucelwa nazise umququzeleli we-LTS okwisithili senu ukuba nisafumana iingxaki. Iikhontraki azinako ukuziphelisa iinkonzo ngaphandle kwesizathu esivakalayo.

5. Ndifuna ukubulela zonke izikolo, ootitshala, abazali nabantu basekuhlaleni abadlale indima engaphezulu ekuncediseni abafundi bethu ukuya esikolweni okanye ekubhaleni iimviwo zabo.

6. Lo gama iveki edlulileyo ibingekho lula, izibonakalise kwakhona iimfundiso ezisisiseko zobubele nokukhathala apha ngaphakathi kwiziko lethu.

7. Injongo yethu kwiveki ezayo kukunciphisa naziphi na iziphumo zoku ezibi ezingaphezulu kubafundi bethu njengokuba sifuna ukugqibezela zonke iikhontraki ezikwi-*Cape Winelands* ezilityaziswe leli nyathelo lenkundla .

8. Siyanibulela ngokuba nomonde.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-09